## UNIVERSITY OF FORT HARE

**XHS 112F**

---

**IIMVIWO ZEZIDANGA**

**KWEYESILIMELA (JUNE) 2018**

**IXESHA:** Iyure enye enesiqingatha

**ISIFUNDO:** IsiXhosa

**IPHEPHA-SIFUNDO:** Ufundo-lwimi LwesiXhosa (IsiXhosa Linguistics)

| X | H | S | 1 | 1 | 2 | F |
|---|---|---|---|---|---|---|

| | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|

**AMANQAKU:** 100

Eli phepha linamakhasi ama-3 xa lidibene neli ligqumileyo


**Abevi Basekhaya:**

Gqir ZW SAUL

Nksz D J Ganto


## IMIYALELO

Phendula imibuzo ibe mibini (2) kwicandelo ngalinye

**XHS 112F Ufundo-lwimi LwesiXhosa**

**Iimviwo zikaJuni 2018**

**ICANDELO A: ISINTAKSI**

<u>Umbuzo wesi-1</u>

1.1 Bhala esi sivakalisi silandelayo uqale **ngenjongosenzi**:

Umama ungqusha umbona (4)

1.2 Zeziphi izijungqe **ezibini** ezikhulu zesivakalisi? (4)

1.3 Zoba imo-mthi yesi sivakalisi silandelayo:

USipho udlala ibhola. (8)

1.4 Ibinzana lesibizo linesijungqe esibalulekileyo. Sesiphi? (2)

1.5 Ibinzana lesenzi linesijungqe esibalulekileyo. Sesiphi? (2)

1.6 Yintoni isenzi? (2)

1.7 Khetha izenzi kwesi sivakalisi silandelayo:

Amantombazana acoca amakhaya awo, ahlambe iimpahla ,atheze iinkuni ehlathini. (3)

**[25]**

<u>Umbuzo wesi-2</u>

2.1 Zoba **imo-mthi** yesi sivakalisi:

Utata lo ubaleka le nyoka. (8)

2.2 Zingaphi iindidi-ndidi zezivakalisi ozaziyo? (2)

2.3 Nika nje zibe **ntathu** kwezi ndidi ozaziyo. (6)

2.4 Xa sicokisa ukuziphononongа izivakalisi, sifumanisa ukuba zinesakhiwo, esibizwa ngokuthi........ (2)

2.5 Chaza **intloko** yesivakalisi . (4)

2.6 Khetha **intloko** yesivakalisi kwesi silandelayo:

lo mfana usigqibile isonka (3)

**[25]**

**OKANYE**

Umbuzo 3

Bhala konke okwaziyo ngokubhekisele kwiBinza lesiBizo, kweleSenzi nakuPhuhliso. [25]

**ICANDELO B: ISEMANTIKI**

Umbuzo wesi-4

4.1 Nika **izichasani** zala magama alandelayo:

(a) imfano (2)

(b) umqhagi (2)

(c) indlala (2)

(d) izingela (2)

(e) imvano (2)

4.2 Nika **izifanokuthi** zala magama alandelayo:

(i) imigudu (2)

(ii) isazinge (2)

(iii) iqatha (2)

(iv) igusha (2)

(v) umbizane (2)

4.3 Chaza okwaziyo malunga **noquko** kwisemantiki, ze uzekelise. (5)

**[25]**

Umbuzo wesi-5

5.1 Chaza konke okwaziyo malunga **noontsingiselo-mbaxa**. (10)

5.2 Kukho izibizo **ezizizifanokuthi**. Nika imizekelo ibe **mihlanu yezibizo** ezi lolu hlobo.. (10)

5.3 Nika imizekelo ibe **mihlanu yezenzi** ezizizifanokuthi. (5)**[25]**